S.E.R.M.: *Imvo Zabantsundu* (04 September 1934), page 4

**Umfi u William Congreve Mvalo**

Lomfo sekulithuba elishiyile ilizwe; kuba usweleke ngenyanga ka Tshaz' impuzi kuwo lomnyaka; waziswa nomzi ngokubanzi kwakulo eliphepha lakowabo le "Mvo." Lomfo ngunyana wesikhulu sakwa Ndlambe, u Mvalo, into ka Nkovu ka Ncinda; lomfulana use Qonce ngakweso sikolo sakwa Buluneli ubizwe ngo Ncinda lowo, kuba wangcatyelwa kuwo. Phakathi kwemfundi zasema Xhoseni u William lo ube yenye yeziphambili, esithetha isi Ngesi njengentetho yakokwabo; ukanti ke noko yena ubengumfo wasema Komazini, u Qjnebe, u Gqugqugqu; kodwa baninzi ababemthatha okokuba uli Tshawe; kanti nabo abo babengaposisanga kuyaphi, kuba ngenxa yokuphakama kwengqondo kayise u Mvalo, imantyi nabafundisi bamthabathela ebukhosini. Abafundisi bokuqala base Tshetshi bathi bakufika ku Mhala e Xinirha wabathumela ku Nkovu apa e Nxaruni, - waza u Nkovu wabahlula phakathi onyana bake, wathi omkhulu, u Mfene uyise ka Veli wamphathisa ukujonga i Komkulu: wathi u Mvalo u So Mbulelo wamjongisa kuba Fundisi. Kwezi mfazwe ke zininzi zama Xhosa, lelali ka Mvalo ayizange ichitakale, nangesiyikili sika Nongqause yona ayizange ingene, - ngako oko u Mvalo lo akadumanga ngabo ubutyebi kwathini, udume ngenxa yesonti nentelekelelo.

Unyana lo u William, kuthambe intloko engafundanga ayephi; uzalelwe e Nxaruni apha, e Newlands, edume ngegama lobutyalike St. Lukes Mission; ukhe wafika kuhle e Mtwaku, St. Matthews, ngokwemfundo; ukhe walikhumsha lemantyi e Qonce, - utshate ngeloxesha no Miss Anna Busakwe, umZimakazi wase Mngqesha, bazala onyana nentombi. Emveni koko waba likhumsha emagqwetheni, ade wafa ese kuleyo; nakuba ithe yakumshiya inkosikazi, watotyelwa kowabo e Nxaruni zizihlobo zakhe ngakumbi u Chief S.K. Kaka. Eba Tenjini, e Lady Frere, nakwa Komani wayekhangelwe njenge gqwetha ngokwakhe u Wm. Congreve.

EBUKHOSINI

Amadodana afundisiweyo asinto ayinanze kuyaphi umbuso wakowawo wesi Xhosa; ngakumbi xa athe alungelwa ezinkonzweni zawo zasemlungwini. Thina ma Ndlambe siyambulela u Thixo kuba lemfundi yakowethu ayizange ibulibale ubuphakathi bakowayo, yasoloko itene nca nenkosizayo, - yena no Matanyeli (Chief N.C. Umhalla) babengahlulwa nto. Le inkosi ingu Silimela batetelene amazwi amnandi, namahle kunene kuzo ezintsuku athe kanti umphakati lo seleza kunduluka. Kanti njengomfo obese Qonce ithuba elide, zonke inkosi

ezilapho kweso sithili, kude kuye kwezasema Gqunukwebeni ubezikhonza ngokombusi kanye.

## MALUNGA NESIPHELO

Senditshilo ukuthi uthe kaloku umfo lo akumphelela amandla e Qonce waya kuba ngakowabo e Nxaruni, ehlala kwa Wm. Mfene Nkovu umkhuluwa wakhe walandlu yayijongiswe ebukhosini. Umfundisi walapho, u Ntambula (Archd. J.K. Mather) wenze lukhulu ukonga ngezityo nezambatho. Ilali yonke yakowabo yenze lukhulu nayo ngeembeko zayo kulomfo.

Ngenye imini ngo March lo walonyaka, ndisuswe ngu Mhlekazi u Silimela namadodana amabini ukuba masiye kufeza umcimbi othile kulolali ka Nkovu. Sithe kwa sisa singa phaya namadodana lawo, ndawaxelela ukuba umphefumlo warn ufuna ukuya kulalisa kwa Veli Nkovu, nokuba umcimbi lo siwufeze kamsinya asiyikubuyelela. Okunene u Sibonda H. Ntsonkota wasikawulezela singazi thulanga nesali emahasheni, - sithe gxada koka Kaka, saya kutsho kwa Nkovu. Sihleli ithuba elide sincokola izinto zelizwe; kuthe kuphi ndafuna ukubona u Earl Umvallo (kuba bekuse kutshiwo ukubizwa kwakhe,) kuthiwe nankuya kulandlwana, uyafa. Ndithe xathu ndedwa ndaya; ndifike kumntu ofayo kanye, othe ufa ngumlenze; kuqala wayetyatyulwe zizihlangwana awayezithengelwe ngu Ntambula, waza wathi eneso silondana nanko esiya kuhlamba kwisiziba ababesoyika bese ngabantwana, - suke umlenze wonke wabusela. Ndide ndanqwenela, ukusibona esisilonda sigulisa umntu kangaka, - yinile! Akukho silonda, naselunyaweni, nasemlenzeni, wonke, naphi, - ndafumane ndakhohlwa.

Ngelixesha kwakuse kuphele tu ukubambeka, wade wakhe wema ngenyawo zombini, wangcambaza ngokomntu wonke waya kuphuma, wabuye wabuya engasimeleli; uthe engekahlali phantsi waphinda ilizwi abelithethe kwase kungeneni kwam, walizingisa ngalo lonke elixesha ndilapha; ilizwi elithi, mfondini,

“UTHUNYELWE NGU THIXO

ukuz’ apha, kuba ndiza kukuthuma ubhalele abantwana bam, bandazi ukuba ndilapha, ndilapha nje ndiyafa; kunjalonje ndivuya kakhulu ukuba u Thixo athume wena kanye, wena ndaziyo ukuba uya kuyenza lento. Utsho wandinika i address zentombi zake zombhini, kunye nemiyalezo yezinto ayaleza zona. Ndide ndambuza ukuba kuthenina engandiniki myalezo nje kule yesithathu intombi? Uthe “Awu! U Nantsi ekwayinto efayo kwanje ngam nje ndingafumane ndenze myalezo wantoni kuye?” Ndite mna “Mxelele kaloku naye ukuba uyafa, nokuba akuthethanga zinto.” Iphelele apho leyo engayingenanga.

Okunene ndizikaulezele ezoncwadi ndabhalela abantwana bakhe; ndambika na Komkhulu ndakugoduka; noko ndingabikanga ndibandezele. Phofu umfo lo yena uncokole kakhulu nam, - ethetha nangomkake ongasekoyo emncoma. Ndasuke ndemanga kuba bendingazange ndizazi ezizinto, - nentloko abesakuthi agule ngazo ebomini bakhe.

Singe singaguqa ngamadolo, - satsho mabini, mathathu ku Ndikhoyo, sashiyana kuyinto emnandi! Akudlulanga nyanga emva koko, ndive nge "Mvo" seyishumayela ukuba lomfo ka Mvalo no No Somi unina, akaseko ezweni, ubhubhele kowabo, kwizwe azalelwe kulo, wakhulela kulo, apho banchwatywe kona oyise nooyisemkhulu. Umnchwabo uphetwe ngumfundisi wakhe, into ka Maigas, u Rhadebe yena.

Sasala sakhohlwa mdak' u No Somi;

Besikugxeka macalan' onke,

Besikukhotha sikuxathula:

Besingobanina kakade ke thina,

Thina Mathol' otya mthini?

Besingobanina kakade ke thina –

Ukuba sigweb' isicaka seny' i Nkosi?

Hamba Qinebe ubuyinkokeli!

Kulok' ufane nekhikhizela, -

Udubul' isizwe siseziko.

Nehlabankom' elinye alenzihlobo.

Hamba Gqugqugq' omhle kunene,

Uzihlambil' ingubo zakhe, -

Wazenza mhloph' egazini le Mvana!

Ncincilili!!!